



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2012

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama CANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Izincoko	(50)
ICANDELO B: Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C: Imihlathana emifutshane	(20)
 2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.
 3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
 4. Qala icandelo ngaliNYE kwpiphepha elitsha.
 5. Yenza uyilo (umzekelo: imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/flowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.
 6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
 7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinci KWICANDELO A, imizuzu engama-40 KWICANDELO B nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.
 8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiwego kwpiphepha lemibuzo.
 9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
- QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiwego.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.


UBUDE BEEMPENDULO

- ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esili-190–240 lamagama.
 ICANDELO B: Imihlathana emide – Bhala ama-80–100 lamagama.
 ICANDELO C: Imihlathana emifutshane – Bhala ama-60–80 lamagama.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala isincoko sibe ngamagama ali-190 ukuya kuma-240.

- | | | |
|-----|--|------|
| 1.1 | Luxanduva lukaRhulumente ukufundisa abantu indlela yokunqanda ungcoliseko kwiindawo abahlala kuzo. | [50] |
| 1.2 | Izinto ezenziwa ngabahlali bendawo yam ukuphucula intlalo yabo. | [50] |
| 1.3 | Imibono endinayo ngam xa ndiphangela. | [50] |
| 1.4 | Bhala isincoko esingqina la mazwi, 'Umntu ngumntu ngabantu'. | [50] |
| 1.5 | Izinto ezinokwenziwa liSebe leMfundu, abazali nootitshala ukuncedisa abafundi bebanga le-12 balungele iimviwo zokuphela konyaka. | [50] |
| 1.6 | linkqubo zikaMabonakude aziziniki ixesha elilingana nelesiNgesi iiLwimi zesiNtu. | [50] |
| 1.7 | Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko. | |



[50]

- 1.8 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko.



[50]

AMANQAKU ECANDELO A: **50**

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

UMBUZO 2

Chonga umhlathana omde ube MNYE kuphela. Bhala ama-80–100 lamagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 ILETA YOBULHOBO

Bhalela udadewenu/umntakwenu oza kuya kudliwano-ndlebe umkhuthaze. **[30]**

2.2 INTETHO ESEIKWENI

Umhlobo wakho ufumene isipho-mali sokuya kufunda eyunivesithi. Bhala intetho yokumncoma uvuyisana naye. **[30]**

2.3 INCOKO YABABINI ENGEKHO SESIKWENI

Bhala incoko phakathi kwabafundi ababini malunga nendlela yokuziphatha komfundi esikolweni ukuze angaphazamisi ilungelo labanye lokufunda. **[30]**

2.4 INQAKU LEMAGAZINI

Bhala inqaku lemagazini malunga nokubaluleka kokwenza imithambo ukuze uhlale usempilweni. **[30]**

AMANQAKU ECANDELO B: **30**

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

UMBUZO 3

Bhala umhlathana omfutshane ube MNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama angama-60–80 ubude. Wubhale kwphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 IKHADI LESIMEMO

Bhala ikhadi lesimemo umeme umzala wakho ukuba abekho kwitheko lokuvuyisana nokuphumelela kwesikolo sakho kukhuphiswano lomculo.

[20]


3.2 IPOSIKHADI

Thumela umhlobo wakho iposikhadi umxelela ngendlela oziva ngayo kwisikolo ofunda kuso ibanga le-12.

[20]

3.3 ISALATHISO

Umhlobo wakho useCrowthorne, malathise indlela eya eRandburg ehamba ngendlela engu-M71.



[20]

**AMANQAKU ECANDELO C:
AMANQAKU EWONKE:**

20

100